

STOP UKUNWENWA KWALE NTSHOLONGWANE

ICORONAVARASI

Nceda ulandele esi sikhokelo xa umntu ethe wasweleka ngenxa yecoronavayirasí.

- Musa ukuphatha umzimba womntu oswelekileyo wuyeke umzimba kwigumbi aswelekele kulo.
- Qhagamshelana namapolisa ukuba umntu usweleke ngendlela engaqhelekanga efana nengozi, ukubulawa nokuzibulala naxa umzekelo, urhanelo ukuba umntu lowo uswelekileyo ebene coronavayirasí. Kwiimeko aphi kungekho nto irhanelekayo ekufeni komntu, kulungile ukuba uqhagamshelane nabangcwabi abaqe qeshiwego ukujongana neemeko ezinjalo nabanabantu abafanelekileyo abanezixhobo ezikhuselekileyo nezilungele imoko yokususa nokuthwala umzimba.
- Amakhaya anqwenela ukuhlamba imizimba yabantu babo abangasekhoyo ngaphambi komngwabo ngokwenkolelo yabo nenkcubeko yabo, kucetyiswa ukuba oko kwensiwe ngamalungu alo nkolo aqe qeshiwego nananezixhobo ezikhuselekilyo nezilungiselelwé ukwenza oko.
- Impahla zomntu oswelekileyo kufuneka zihlanjiswe ngomxube onobuncinane be-70% ye-alcohol kuwo okanye 0.5% yebliitshi. Impahla enxitywayo kufuneka ihlanjwe ngamanzi anobushushu obungama-60 ukuya kuma-90°C.
- Xa umzimba ulungiselelwé umngcwabo, akuvumelekanga ukuba uphinde uphathwe. Ubuso bomfi bungaboniswa emngcwabení ukuba abuzukube buphuzwa okanye bubanjwa nangezandla.
- Abantu abanengxaki nesifuba nokuphefumla nabo bangaphaya kweminyaka engama-60 ubudala kune nabo sele benizigulo zabo kakade akufuneki bazibandakanye nabantu abayokubona umzimba ngaphandle kokuba banxibe imaskhi yonyango ebusweni ukunqanda ukusulelwá sisifo okungathi kwenzeke.

Imingcwabo

- Imizimba yabantu abaswelekileyo ingashiya/isulele ngalonto inayo imiphezulu yeendawo ebidibene nayo lo nto ihlale aphi iintsku ezisithoba, kungoko ke kubalulekile ukucoca yonke imiphezulu yeendawo umzimba obuthe wadibana nazó.
- Indlela ekhuthazwayo yokungcwaba kukutshiswa komzimba, kodwa ke ukuba usapho lufuna umngcwabo loo nkubo kuya kufuneka ingathathi ngaphaya kweeyure ezimbini.
- Yonke imizamo yokungcwaba imizimba yabantu abarhaneleka okanye abasweleke ngenxa yecoronavayirasí kufuneka yenziwe kwiintsku ezintathu ukuba akukho sicelo sokuba kwensiwe uqhaqho lwsidumbu.